higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

(Iphepha Lokuqala)

NQF LEVEL 2

(4101222)

4 March 2020 (X-Paper)
9:00–12:00

Olu viwo lunamaphepha ayi-9.

257Q1S2004

IXESHA: 2 IIYURE
AMANQAKU: 140

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMAHLANU.

   ICANDELO A: Uvavanyo Lokuqonda (30)

   ICANDELO B: Ushwankathelo (10)

   ICANDELO C: Okubonwayo (30)

   ICANDELO D: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (40)

   ICANDELO E: Ulwimi olusetyenziswa kunxibelelano (30)

2. Phendula yonke imibuzo.

3. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

4. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha.

5. Qwalasela ixesha ekuphenduleni imibuzo.

6. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

IZIYOBISI NEMPILO

Iziyobisi ezifana nesiyobisi segazi zinikwa izigulana ngoogqirha. Umzekelo, emva kweMfazwe yesibini yeHlabathi abantu abangamabanjwa emfazwe, banikwa izisteroyidi ukuba banyuse ubunzima bomzimba.

Nangona kunjalo, ukuba imbaleki isebenzisa iziyobisi, isengozini yeengxaki zempilo ezibandakanya umhlaza, ukwenzakala kwesibindi, ubuthathaka bemithambo yegazi, ubudlolo nezinye izifo zentliziyo. Kukholelwa ukuba, kwabakho ukufa okuninzi okwenzekayo, okwaziwa kakhulu kukufa kwembaleki edumileyo yaseJamani eseNtshona eyafumana izitofu ezingama-400 ngonyaka xa yayisuka kumashumi amathathu esithathwini ukuya ukuya kwindawo yesithandathu kudidi lwehlabathi. Yabhubha ngenxa yetyhefu enobuhlungu ngowe-1988.

Ndikruqukile ziziyobisi, azinambuyekezo. Ndangeniswa kuzo ngumhlobo wam. Saqala ngentsangu. Wayesithi xa agqiba kutsala umdiza wayo, andinike nam nditsala kuloo mdiza. Ndandisithi ndakwala, andixelele ukuba andiyazi into emnandi endiziphosanisa nayo. Ndakumbuza ukuba yintoni emnandi ekunxilisweni yintsangu, athi akuphendula yena akukho ndawo angazange ayinyathele ngoku kanye engowasezilalini kangangokuba akazazi nokokuba sele eye kangaphi eNew York. Kwakunzima nokumphikisa kuba ubesithi xa sele etshaye le ntsangu, aphele yintsini.

Uza kuhleka ke ixesha elide ade akhohlele. Nam ndaziva ndinqwenela ukungcamla kwathi kanti kukungena kwam oko. Ndathi ndiyazama ukuphuma, kwaba sele kungasaphumeki. Ndathi ndakungena entsangwini, wandifaka kwiintlobo zeepilisi ezahlukeneyo. Ezinye sendizilibele, kodwa ndisakhumbula i-mandrax ne-ecstasy.

Sagqibela ngokuzithengisa ezi pilisi sade saba ngoosozimali. Ndazibona sele ndiyingingi, ndinyathela ngesikhumba. Emva koko, ndandiyokozela yigolide, ibhulukhwe yam isisikhumba nebhatyi yesikhumba kunye nekepusi yesikhumba. Ndaqala ngokuhamba ngesilahla seBMW IZ23, ndagqibela ngokuhamba ngazo zonke iimoto zohlobo oluphambili. Bandilandela abakwantsasana bade bandibhaqa apho ndagwetywa iminyaka emibini ukuya kwelishumi entolongweni. Ndaquqa ndibuyela entolongweni, sele ndivela eLeeukop, kooPolsmoor nakooBaberton. Okokugqibela, ndabanjwa, ndagwetywa kwenye yeentolongo ezinkulu, iWestville, iminyaka engama-20. Ndasigqiba esi sigwebo, ndaze ndaphuma entolongweni. Kwathi kanti ingalo yomthetho inde, ndathinjelwa konke endandinako, kunamhlanje nje ndiyimpula kalujaca. Ndathatha isigqibo sokokuba ndikhonze ngoku. Phofu ke Tawu kuthiwa inkomo enetshobo ayinqandwa nangabakowayo! Sakubona ngawe. Ndinosizi ngabazali bakho kuba bacinga ukuba ungumntwana kanti uyinjubaqa. Kukuwe ke. Ulivile ibali elikwenza isityebi lize liphinde likwenze isixhwitha-ntamo.

Ukusebenzisa iziyobisi akulunganga. Abo bazisebenzisayo bafumana ubunzima kakhulu. Xa ungenamali, ugqibela ngokuba izinto zabantu kuba ufuna ukuthenga iziyobisi.

[Sicatshulwe kwincwadi 'Isisombululo sethu' ngokubhalwe ngu J.N. Mdekazi sahlelwa.]

1.1 Babezinikelwa ntoni izisteriyodi abantu ababengamabanjwa emfazwe? (1)

1.2 Nika iingxaki zempilo zibe ntathu ezinokuthi zifunyanwe yimbaleki xa isebenzisa iziyobisi. (3)

1.3 Kutheni le nto umbhali engazifuni iziyobisi? (2)

1.4 Waqala ngokusebenzisa esiphi isiyobisi? (1)

1.5 Ucinga ukuba umhlobo wombhali wayengumhlobo olungileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.6 Ukutshaya intsangu komhlobo wombhali kwabanaziphumo zini kuye? (3)

1.7 Nika uhlobo lweziyobisi oluzipilisi ababelusebenzisa. (2)

1.8 Xela izinto zibe ntathu awazenza ngemali awayifumana ekuthengiseni iziyobisi. (3)

1.9 Zeziphi iintolongo awayeseluvalelweni kuzo? (4)

1.10 Wagwetywa iminyaka emingaphi kwisihlandlo sokugqibela? (1)

1.11 Ngawaphi amava amenza ukuba afikelele kwisigqibo sokuzithoba? (2)

1.12 Lithetha ukuthini eli qhalo? 'Inkomo enetshobo ayinqandwa nangabakowayo.' (3)

1.13 Ngokoluvo lwakho ucinga ukuba kulungile ukuba abantu basebenzise iziyobisi? Xhasa impendulo yakho. (3)

[30]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule usishwankathele:

1. Chonga iingongoma eziphambili ubude bungadluli kuma-70 amagama.

2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.

3. Upelo,iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.

UMAKHULU NABAZUKULWANA

Umakhulu wayehlala nabazukulwana bakhe ababini, uLinda noLindiwe. Babethanda ukuhlala ecaleni komlilo aze umakhulu wabo ababalisele iintsomi. Umakhulu wayehlala elalini. Ngeholide aba bantwana babethanda ukuya kutyelela umakhulu wabo. Umakhulu wayebaphekela ukutya okumnandi yonke iholide. Wayebaphekela inyama yenkuku kunye nerayisi. Apha kwamakhulu wawungekho umbane. Umakhulu wayelayita isibane separafini. Ngobunye ubusuku, babengene ngaphakathi ebhedini kamakhulu waza umakhulu wathi, 'Lixesha lokulala bantwana bam.'

Kubazukulwana, kwakusemnandi kwaye bengafuni ukuya kulala kwigumbi labo lokulala. 'Nceda sibalisele elinye ibali,' watsho uLinda. 'Andinakunibalisela ngoku bazukulwana bam kuba lixesha lokulala. Hambani niye kwigumbi lenu.' Wahamba nabo waze wabombathisa. Umakhulu wacima isibane waze waphuma. Uthe xa ephuma wathi uLinda. 'Ndinxaniwe.' ULindiwe yena wafuna amanzi.

Umakhulu wabazisela amanzi waze wabalinda bawasela, wandula wacima isibane waze wavala ucango. ULinda noLindiwe balala. Bathe besalele, uLinda wajonga-jonga egumbini waze wabona ukuba kukho into emnyama emva kocango. Wakhwaza ngesikhalo esikrakra. Wafika wababuza umakhulu ukuba kwenzeka ntoni. ULinda wamchazela ukuba ubone into emnyama emva kocango. Umakhulu walayita.

Umakhulu wabaxelela ukuba akukho nto ikhoyo emva kocango ngaphandle kwesutikeyisi. Waphuma umakhulu eshiya evale ucango kwaye ecime nesibane. ULindiwe waya engxamile ugumbini likamakhulu. Wabuza umakhulu ukuba iyawa yintoni ngoku. ULindiwe wathi kukho into enkulu ayibona phezu kwetafile. Waqonda umakhulu ukuba akasoze alale. Washiya ucango elivulile kwaye elayite nesibane. 'Nilale kakuhle, bazukulwana' watsho umakhulu. Batsho ngexesha elinye, 'Kulungile makhulu.' **[10]**

[Sicatshulwe kwincwadi ‘Isisombululo sethu’ ngokubhalwe nguJ.N. Mdekazi sahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: OKUBONWAYO

UMBUZO 3

Qwalasela le khathuni ilandelayo uze uphendule imibuzo.



[Uthatyathwe kwi-Intanethi wahlelwa]

3.1 Ngubani lo ovezwe kule khathuni? (2)

3.2 Wazala ngowuphi unyaka? (2)

3.3 Wabhubha ngowuphi unyaka? (2)

3.4 Yintoni le ayiphethe esandleni? (2)

3.5 Nika izinto zibe zine awayebalasele ngazo. (4)

3.6 Ukhangeleka njengomntu onjani? (3)

3.7 Kule khathuni uvezwe ekuloliwe obhalwe 'STIMELA' kubonisa ntoni oku? (3)

3.8 Khetha iimpendulo ezichanekileyo kwizibiyeli:

Le khathuni iveza umba (wezenkonzo/wezentlalo) kunye nomba (wezopolitiko/wezomculo.) (4)

3.9 Uyangqinelana nezi zinto zikhankanyiweyo ngalo okwikhathuni? Xhasa impendulo yakho. (3)

3.10 Xa uqwalasela le khathuni ungathi uyahamba lo loliwe okanye akahambi? Xhasa impendulo yakho. (3)

3.11 Ngubani umzobi wale khathuni? (2)
[30]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

ICANDELO D: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 4

4.1 Chaza ukuba isimamva u-kazi ubonakalisa ntoni kwezi zibizo zingezantsi:

4.1.1 Igqirhakazi.

4.1.2 Ihlathikazi.

4.1.3 Uyisekazi.

(3 × 2) (6)

4.2 Chaza ukuba isivakalisi ngasinye kwezi zingezantsi ukuba:sisifaniso, sisibaxo, sisihlonipho, sisikweko okanye sisimntwiso.

4.2.1 Abantu babebaninzi kangangentlabathi yolwandle.

4.2.2 Ucikoza okomlonji.

4.2.3 Yindlovu ukubamkhulu oku.

4.2.4 Walibukela lincumile ilanga.

4.2.5 Ucula njengomama wakhe.

(5 × 2) (10)

4.3 Bhala izichasi zala magama angezantsi:

4.3.1 Ubude.

4.3.2 Ukukhawuleza.

4.3.3 Ubushushu.

(3 × 2) (6)

4.4 Guqula ezi zivakalisi zilandelayo zibe kwingxelo-ntetho:

4.4.1 'Wenza ntoni Bonga?' Ubuzile uSandla.

4.4.2 'Ngubani othe ungahamba? Hlala phantsi.' Utshilo uThemba.

(2 × 3) (6)

4.5 Guqula ezi zivakalisi zilandelayo zibe kwixesha eladlulayo:

4.5.1 Imvula iyanetha.

4.5.2 Ndihamba ngoku khawuleza.

4.5.3 Usana luyakhala.

(3 × 2) (6)

4.6 Fakela iimpawu zobhalo ezichanekileyo kwezi zivakalisi:

4.6.1 ngubani lo ohamba naye

4.6.2 xa udiniwe misa uphumle

4.6.3 umthatha yidolophu

(3 × 2) (6)

[40]

AMANQAKU ECANDELO D: 40

ICANDELO E: ULWIMI OLUSETYENZISWA KUNXIBELELWANO

UMBUZO 5

Gqibezela le ncoko ingezantsi ngokufakela amagama achanekileyo, afumaneka ebhokisini:

yena; ndijike; esikolweni; ndifike; uxolo; uziva; ungaxeli; ndizokwenza; noko; kungcono

5.1 Tata:Sipho kutheni ungayanga …

5.2 Sipho: … tata bendigula.

5.3 Tata:Kutheni umama … engayazi loo nto?

5.4 Sipho: … endleleni sendisiya esikolweni. … kungekho mntu ekhaya.

5.5 Tata:Ungaphinde … xa ugulayo.

5.6 Sipho: … njalo tata.

5.7 Tata: … njani ngoku?

5.8 Sipho: … ndiziva bhetele tata.

5.9 Tata: … ke xa uziva bhetele.

(10 × 2) **[20]**

UMBUZO 6

Matanisa intetho ekuKholam B, ingqamelane nentetho ekuKholam A.

KHOLAM A		KHOLAM B	
6.1	Gqirha: Molo mhlekazi. Ndingakunceda njani?	A	Themba: Andikwazi ukunyusa iingalo zam.
6.2	Gqirha: Uqale nini ukuqaqanjelwa?	B	Themba: Sekulusuku lwesine ngoku.
6.3	Gqirha: Hlala ebhedini ndizokuxilonga.	C	Themba: Molo gqirha. Ndiqaqanjelwa ngumqolo.
6.4	Gqirha: Ewe.	D	Themba: Ndikhulule gqirha?
6.5	Gqirha: Hayi, kumzimba ongentla kuphela.	E	Themba:Yonke impahla yam?

(5 × 2) **[10]**

AMANQAKU ECANDELO E: 30
AMANQAKU EWONKE: 140